Imbongi ye Sizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (24 January 1928), page 3

**Xmas 1927**

"U-Tixo unathi." Mat. 1:23
Ingoma L.M.

Tshawe lama Tshawe onke!
Nkulu yezikulu zonke!
Wena Sonini-Nanini!
Hlala nati ngalemini!

Iyasilandel' imvelo,
Isibambe ngemixe[l]o;
Amasiko nezitete,—
Mhlekaz' Omhle asambete.

Ezintshaba zinamandla,
Pezu kwawo ama Bandla;
Sizelwe sakula kuzo,
Sazala sondlela kuzo.

Izoyiko nenkolelo,
Ezigxota uxolelo;
Nanzi zimi pambi kwetu
Hlala nati Nkosi yetu!

Namhl' ufika nje Mesiya,—
Mtan' e Ntombi ka Mariya!
Kulul' ama kamandela
Siyibon' eyona ndlela!

Amagazi atsh[e]tshile,
Nat' asenzakalisile;
Ngok' ajika ayingozi
S[i]ti sisindise Nkosi!
Hlala nati Manyuweli,—

Tixo wakwa Sirayeli!
Ezintshab’ us[i]gxotele,—
S[i]ti wena sikwamkele!—Amen.

“Nizalelwe namhlanje”
Luke 2: II—C.M.

Zaduma zatsh’ izitunywa
Mhl’ i Nkosi yazalwa!
Zingumkosikaz’ omkulu,—
Mhl’ i Nkosi yazalwa!

Zayishumayel’ i Mvana,
Mhl’ i Nkosi yazalwa;
Ngobuqaqaul’ obukulu,—
Mhl’ i Nkosi yazalwa.

Zati “Uzuko[1] kuTixo!”
Mhl’ i Nkosi yazalwa;
Zati “Uxol’ emhlabeni,—
Mhl’ i Nkosi yazalwa.

Zat’ “Inkokel ebantwini!”
Mhl’ i Nkosi yazalwa.
Zazisitsho zidumisa,—
Mhl’ i Nkosi yazalwa.

Zesuka ngalomhl’ izazi,
Mhl’ i Nkosi yazalwa;
Zivela e Mpumalanga.
Mhl’ i Nkosi yazalwa.

Zonda e Betileheme,
Mhl’ i Nkosi yazalwa;

[1] uzuko

Zati ngqo esitalini,—
Mhl’ i Nkosi yazalwa.

Zanikel’ indyebo zazo;
Mhl’ i Nkosi yazalwa;
Ngokuqutywa zintliziyo,
Mhl’ i Nkosi yazalwa.

Nam namhla ndiyanikela,
Mhl’ i Nkosi yazalwa;
Nkosi konk’ okwam kokwako.
Mhl’ i Nkosi yazalwa.—Amen.